basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**NOVEMBA 2018**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-13.**

**IPHEPHA LEMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

## ISICATSHULWA A

### IIMFIHLELO ZABANTU ABAPHUMELELAYO

1 Impumelelo ifuna ukuba uphakame ungalindeli ukuba uqhutywe okanye uqale ubetheke ukuze wenze izinto. Ubomi abuzenzekeli, nokuba uyayazi loo nto okanye akuyazi buqulunqwa nguwe ngobugcisa. Nguwe okhetha indlela omawubuqhube ngayo ubomi bakho.

2 Enye yeendlela zokuphumelela ebomini kukuthatha uxanduva. Abantu abaphumelelayo bakwenza oko ngokungasoli mntu, nazimeko okanye imfuzo ngokwenzeka ebomini babo. Indlela othetha ngayo isisipili sendlela ozibona ngayo. Umntu ozondelele impumelelo uviwa kwangochongo lwamagama awasebenzisayo; usebenzisa amagama afana no; 'Ndinakho', 'Ndinganakho', kunye no'Ndikhetha …'. Kwelinye icala, abantu abasola okubangqongileyo kubomi babo basebenzisa amagama afana no; 'Andinakho', noo'Ndingayenza ukuba …'

3 Abantu abaphumelelayo bazidla ngokuba bona abazidubi ngezinto abangenalulawulo lwazo, koko bachitha ixesha namandla abo kwizinto abakwazi ukuzilawula kuphela. Eyona nto bakholelwa kuyo kukuba nefuthe kubantu. Benza izinto abakwazi ukuba nolawulo lwazo ukanti abantu abangaphumeleliyo bona bachithela ixesha labo kwizinto abangenalo ulawulo lwazo okanye abanolawulo olungephi kuzo kuze kube nzima ukuphumelela.

4 Kubantu abayaziyo into abayifunayo ebomini, enye yeemfihlelo kukwenza isicwangciso sobomi. Ukwenza isicwangciso sobomi kukuqala ngezinto zokuqala nokuzikhetha ngobuchule izinto emazenziwe. Izinto zokuqala zezo uzibona izezexabiso. Ukuqala ngezinto zokuqala kunceda ekuhlenga-hlengiseni nasekulawuleni ixesha neziganeko ngokweemfuno zakho. Kukwakunceda ekongeni ixesha. Esi sicwangciso sikhulisa ukuzithemba sikwancedisa nasekuphumezeni iinjongo nemibono yakho. Siyakunceda ekuzilawuleni nasekufikeleleni kwiinjongo zakho. Kunjalo, ngeli xa wenza isicwangciso kufuneka uwazi amandla akho, ube no-hayi ukuze ungawoleli konke ude ungakwazi ukuhambelana nexesha. Isicwangciso sikwancedisa ekukhupheleni amandla akho kumba obalulekileyo kuwe.

5 Ukudlelana kwamaqela aze aneze iimfuno zawo omabini kukwayenye yeemfihlelo zempumelelo. Kona kuyindlela yokukwazi ukudlelana nokusebenzisana nabantu. Kukujonga ubomi njengentsebenziswano, hayi ukhuphiswano. Abanye babona impumelelo njengokhuphiswano apho kufuneka abanye abantu bangaphumeleli ukuze bona baphumelele. Bona abantu abaphumelelayo bakholelwa ukuba wonke umntu unesabelo sempumelelo eyahlukileyo kweyomnye. Ukuzamela ukwaneza iimfuno zomntu wonke kuqala engqondweni nasentliziyweni. Kukwathetha ukuba kwizivumelwano nezisombululo abantu abazithathayo bayaxhamla bonke.

6 Unxibelelwano sisakhono esingundoqo kwimfihlelo yempumelelo. Unxibelelwano olululo kukwenza le nto unga ingenziwa kuwe, ngoko ke, qala ngokuqonda abanye abantu phambi kokuba ufune ukuqondwa. Phambili kunxibelelwano kukho isakhono sokuphulaphula. Umntu ufunda iminyaka ukufunda, ukubhala nokuthetha kodwa kuncinci okwenziwayo ngokuphulaphula. **Ingaba lukho ulolongo olwenziwayo ukuqinisekisa ukuba ubani uyabaqonda nzulu abanye abantu?** Mhlawumbi alukho.

7 Uninzi lwabantu luxhinela ukuqondwa lungathathanga nxaxheba kwaphela. Lukwenza oko ngokungayihoyi kwaphela into ethethwa ngomnye umntu, lwenze ngathi lumamele, lukhethe iindawana kwintetho yesithethi kungenjalo umntu athi emamele ibe ingqondo ithatha ibeka iqulunqa impendulo okanye imibuzo aza kuyibuza. Umntu endaweni yokuhluza akuvayo usebenzisa amava obomi bakhe kuphela aphendule ecaleni. Ekugqibeleni ukhawuleza agwebe ukuba sithetha ukuthini isithethi phambi kokuba abe umamele, weva okuthethwayo. Akho amaxesha apho amava omntu aye afuneke. Oku kwenzeka xa umntu lowo ecelwe ukuba anike uluvo lwakhe ngomba othile nangona oko kufuna ukuthembana okukwiqondo eliphezulu kwesi sibini.

8 Intsebenziswano nokwamkela iimbono zabanye abantu ziimfihlelo zempumelelo ebomini. Imbumba yamanyama ineziphumo ezingcono. Ubambiswano ngamandla luphumeza iinjongo ebezingenakuphunyezwa ngumntu omnye. Iimbono ezahlukeneyo ziphuhlisa izisombululo ezitsha. Kukho impazamo yokucinga ukuba xa abantu befana loo nto ithetha bamanyene okanye ithetha ubunye. Ukanti abantu bayakwazi ukumanyana bohlukile ngezimvo. Ukwahluka ngezimvo makujongwe njengophawu lwamandla hayi uphawu lobuthathaka. Ukwahluka sisinongo sobomi.

9 Esona sixhobo sokuya empumelelweni nguwe buqu. Ufana nqwa nekrele. Ikrele ke liyalolwa libe lubengu. Kumele uzilole ngokusoloko uzihlaziya ngokwasemzimbeni, ngokwasentlalweni, ngokwasengqondweni ngokwasemphefumlweni nangokwasemoyeni. Ungakwenzanga oko, umzimba uphela udinwa, ingqondo ingasebenzi ngendlela, uswele uvelwano, umoya ungabi nabuntunu-ntunu kwabanye, ube ngumntu ozicingela yedwa.

10 Uphando luveza ukuba uninzi lwabantu aluphili ubomi obuphuhlileyo, alonwabanga, kwaye alwanelisekanga, ngoko ke kufuneka utshintsho kwindlela yokwenza izinto, utshintsho olujolise ekusebenziseni iimfihlelo zabantu abaphumeleleyo, utshintsho oluxhinele ukuphuhlisa ngamandla ukugqibelela, ukunikela eluntwini kunye nokuba lulutho kwisizwe siphela.

[Sicatshulwe kwi-intanethi; https://www.pdfdrive.net/html saguqulelwa esiXhoseni, saze sahlelwa]

**ISICATSHULWA B**




[Ucatshulwe kwi-intanethi-images.com]

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A**

JONGA KUMHLATHI WOKU-1.

1.1 Khankanya ekufuneka umntu akwenze ukuze aphumelele. (1)

1.2 Bhala injongo yokuphinda- phindwa kwegama u 'nguwe'. (2)

JONGA KUMHLATHI WESI-2.

1.3 Caphula isivakalisi esiqulethe intsingiselo yokuba abantu abaphumelelayo ngabaluthathela kubo uxanduva lobom babo. (1)

1.4 Xela injongo yokusetyenziswa komntu wokuqala kwintetho elandelayo.

'Ndinakho', 'Ndinganakho', kunye no'Ndikhetha' … (2)

JONGA KUMHLATHI WESI-3.

1.5 Chaza umahluko phakathi kwabantu abaphumelelayo nabangaphumeleliyo ngokwendlela yokuchitha ixesha labo. (2)

JONGA KUMHLATHI WESI-4.

1.6 Kukuthini ukwenza isicwangciso sobom? (1)

1.7 Sinika ntsingiselo ni isakhi u-zi kwigama 'ekuzilawuleni? (1)

JONGA KUMHLATHI WESI-5.

1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Nika ingcamango ephambili yomhlathi wesi-5.

A Intsebenziswano endaweni yokhuphiswano.
B Uvelwano endaweni yokhuphiswano.
C Abanye mabangaphumeleli bona baphumelele.
D Impumelelo kukwaneliseka kukhuphiswano. (1)

JONGA KUMHLATHI WESI-6.

1.9 Xela injongo yokusetyenziswa kombuzo buciko kumgca obhalwe ngqindilili. (2)

JONGA KUMHLATHI WESI-7.

1.10 Nika intsingiselo eziswa ligama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

1.11 Chonga igama elithetha into enye no-'ekupheleni'. (1)

JONGA KUMHLATHI WESI-8.

1.12 LULUVO okanye YINYANI okukwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KUMHLATHI WESI-9.

1.13 Nika iindlela EZIMBINI zokuzihlaziya ezinokwenza ukuba uhlale ulolekile ngokwakwisicatshulwa. (2)

JONGA KUMHLATHI WE-10.

1.14 Uyangqinelana nokuvezwa luphando oluthi 'uninzi lwabantu aluphili ubomi obuphuhlileyo, alonwabanga, kwaye alwanelisekanga'? Xhasa impendulo yakho. (2)

JONGA KWITEKISI YONKE.

1.15 Ucinga ukuba esi sicatshulwa sinako ukutshintsha iingqondo zabantu ngendima abayidlalayo kwimpumelelo yabo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA B**

1.16 Chaza umahluko ophawulekayo kwizenzo zabantu abakwezi zakhelo zibini. (2)

**IMIBUZO: ISICATSHULWA A noB**

1.17 Caphula umqolo kumhlathi wesi-8, odlulisa umyalezo ofanayo nomyalezo odluliswa sisenzo sabantu abakwisakhelo soku-1. (2)

1.18 Ingaba isicatshulwa B siyaluxhasa uluvo lombhali olukumhlathi wesi-5 kwisicatshulwa A? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

## UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngezenzo eziyimiqobo kulonwabo lwakho**.

Shwankathela unike izenzo eziyimiqobo kulonwabo lwakho.

**QAPHELA:**

1. Bhala UMHLATHI usebenzise amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma ezisiXHENXE singedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**ISICATSHULWA C**

**IMIQOBO KULONWABO LWAKHO**

Wagqibela nini ukukhe uzincome ngempumelelo yakho? Ingaba kufuneka ucinge nzulu ukuphendula umbuzo ongentla? Akumangalisi ukuba ungakhumbuli. Ela lizwi lincinci ligxekayo ngaphakathi engqondweni linamandla, kwaye ukuba uyalihoya lingaphanzisa ulonwabo lwakho. Iingcinga zinamandla – zichaphazela indlela ovakalelwa ngayo nendlela oziphatha ngayo. Yiyo loo nto zinamandla okuba sisiprofeto esizalisekayo. Umntu ohlala ezixelela ukuba akanakuphumelela kwinto ethile, usoloko eziphatha njengoko esitsho.

Uhlala uzibekela amangomso izinto ongathandiyo ukuzenza? Ngokwenza njalo ubekela kude kuwe ukwaneliseka wakugqiba oko kufuneka ukwenzile. Ungekazigqibi izinto ezikuluhlu lokufuneka ukwenzile uya kusoloko uneemvakalelo zokukhathazeka ezenza ungeva kamnandi. Ukubekela amangomso kungasetyenziswa njengetyholo lokungafuni ukuzama into entsha. Sizizidalwa ezithanda isiqhelo utshintsho luyasikhathaza, yiloo nto sisoloko sikoyika ukwenza into entsha.

Yingxaki enkulu ukuhlala unika abantu ixesha namandla akho uze ufumanise ukuba akukho nto ikonwabisayo koko ukwenzayo. Ukuba unabahlobo abahlala belindele ukuba ubabonelele kwiimfuno zabo kungakhathaliseki nokuba wenza ntoni nokuba uvakalelwa njani, oko kuya kulusenga ulonwabo lwakho.

Ukuxabisa ubunewu-newu ngaphezulu kobubele novelwano kwabanye abantu kukhokelela ekubeni ungonwabi ngeendlela ezininzi. Ulonwabo, uvelwano, ububele zihamba kunye. Amaqonga onxibelelwano akukhulisa ngakumbi oku kuba abantu baxhoma imifanekiso yobunewunewu abanabo koo*facebook* nakoo*Instagram* atsho agungqe ongekabufumani bunexabiso kuye.

Ingaba uyathula okanye uyakuveza ukungaxoli? Ukungayivezi imbilini yakho kungakuphosanisa nolonwabo. Umkhwa wokungavelisi uvakalelo lwakho, utyumza amathuba akho okonwaba ube nomvandedwa. Nokusoloko ukhalaza kunegalelo lokunika amandla kwicala elingakhiyo kulonwabo lwakho. Oku kusoloko ucukuceza, umbombozela kuyawenzakalisa umoya wakho, nabantu ohleli nabo bavelelwa kukungonwabi apho ukhoyo. Bambi bade bakwenze ube likheswa kuba besoyika ezi ntetho zakho.

Ukuzama ukulawula konke kubomi bethu, ingakumbi xa ubomi busongamele yingxaki yoninzi lwethu. Kaloku ukulawula konke liphupha njee akakho onokukwenza ngempumelelo. Lo mzamo uphela uyilibazisa aze aphanze amacebo okonwatyiswa yimpumelelo kuba kaloku singalawula kuphela indlela esicinga ngayo nendlela esijongana ngayo nemeko esiqubisana nazo.

[Sicatshulwe kwi-magazini i*Drum* amaphepha 29–31 saguqulelwa, saze sahlelwa]


**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo ntengiso (ISICATSHULWA D) singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

### ISICATSHULWA D




[Sicatshulwe kwi-www.mtn adverts.co.za, saguqulelwa saze sahlelwa]

3.1 Chonga igama elimthuma ukuba angxame umthengi ukufuna i-airtime engumdliva. (1)

3.2 Nika injongo yale ntengiso. (1)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Sizisa ntsingiselo ni isakhi esingu 'sa' esinomgca ngaphantsi kwigama 'ubungasayisebenzisi'?

A Eyokuba isaqhubeka ukusetyenziswa.
B Eyokuba sele eyiyekile ukuyisebenzisa.
C Eyokuba seleza kuyeka ukuyisebenzisa.
D Eyokuba useza kuqhubeka uyisebenzisa. (1)

3.4 Chaza umsebenzi welogo kule ntengiso. (1)

3.5 Caphula ibinzana elisetyenziswe ngenjongo yokuba umthengi akubone kuyinto elula ukufumana eli bhaso. (1)

3.6 Bhala isilogani sale ntengiso. (1)


3.7 Nika ingcinga edluliswa ngumfanekiso womntu obhabha emoyeni. (2)

3.8 Ingaba le airtime ingumdliva yenzelwe abantu bonke? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

### ISICATSHULWA E




[Icatshulwe kwi-intanethi-www.zitscartoons.com]

4.1 Nika ingcinga eziswa sisakhi u'si' osetyenziswe nguVuyo kwisakhelo soku-1. (2)

4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

Nika intsingiselo yentetho kaMama ethi 'Ndiziindlebe ndonke'.

A Ndiyeza
B Ndiqumbile
C Ndiphulaphule
D Ndikujongile (1)

4.3 Nika umsebenzi wamachaphaza amathathu akwisakhelo sesi-2. (1)

4.4 Ngqina ngesizathu esinye ukuba ifoni ikhalela phezulu ngokwesakhelo sesi-3. (1)

4.5 Xela indlela umzobi akubonise ngayo ukubaxeka kwesenzo sokucofa kukaVuyo ifowuni kwisakhelo sesi-4. (1)

4.6 Nika iindlela EZIMBINI okuvezwa ngayo ukumangala kukaMama kwisakhelo sesi-5. (2)

4.7 Nika ingcebiso ngendlela esemthethweni yokusombulula le ngxaki akuyo umama kwisakhelo sesi-6. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F), singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**ISAZELA**

1 Isazela lilizwi elivakala bunkente-nkente emntwini limnqanda ukuba angangeni kwimikhwa nemikhuba ekhohlakeleyo. Umntu ngamnye ukhula enesazela esimxelelayo ngalo lonke ixesha into elungileyo kanti nento engamkelekanga eluntwini. Isazela asifani nondlebende ongenasali inkwenkwe etyiwula ithi cwaa kuye ize itsibe yakuthanda ingenzanga nelimdaka ilizwi lombulelo.

2 Isazela yinkosi yomntu yaye abantu bengabantu nje kungenxa yokuzingisa ukululamela ngobulali nangokuzeleyo izazela zabo. Ungamva umntu xa ecengwa ukuba angene kwinto engavumelaniyo negazi lakhe esithi, 'Isazela sam asindivumeli ukuba ndiyenze into enjalo'. Umntu owalelwa sisazela sakhe ukuba angayenzi into ethile loo mntu uyaphila. Umntu osabelayo akubizwa lilizwi elingaphakathi kuye ngumntu loo nto.

3 Bakhona abo abazikhohlisa ngelithi izazela zabo zilawulwa ngabo. Umntu akusilawula isazela sakhe uyenzakala. Isazela asiyodyasi yemvula umntu ayikhumbula lakuhlom'izulu, koko isazela yinto ekufuneka umntu esoloko ephantsi kweempembelelo zayo.

4 Umntu ngamnye uzalwa enesazela esiye sikhula nokukhula kwakhe. Iyenzeka into yokuba njengokuba umntu eya ekhula nje angasithobeli isazela sakhe. Uyakwazi umntu ukuya ekhula kanti sona isazela sakhe siye sidodobala.

[Sithathwe kwincwadi ethi, *KUNGAQHUMA KUBASIWE* ebhalwe ngu: LL Ngewu: amaphepha 1-2, saze sahlelwa.]

5.1 Nika isichasi sesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi silandelayo.

Isazela lilizwi elivakala bunkente-nkente emntwini limnqanda ukuba angangeni kwimikhwa nemikhuba ekhohlakeleyo. (1)

5.2 Xela umsebenzi wesimelabizo esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esilandelayo.

Umntu ngamnye ukhula enesazela esimxelelayo ngalo **lonke** ixesha into elungileyo. (1)

5.3 Bhala imo evumayo yesenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Isazela asifani nondlebende ongenasali. (1)

5.4 Senze msebenzi mni isibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi?

Ungamva umntu xa ecengwa ukuba angene kwinto engavumelaniyo negazi lakhe esithi, ... (1)

5.5 Guqula le ntetho-ngqo ilandelayo ibe kwimo yengxelo-ntetho.

Ungamva umntu esithi: 'Isazela sam asindivumeli ukuba ndiyenze into enjalo.' (2)

5.6 Nika umsebenzi wesimnini esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo.

Umntu owalelwa sisazela sakhe ukuba angayenzi into ethile loo mntu uyaphila. (1)

5.7 Nika intsingiselo yebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokwakwisicatshulwa.

Isazela asiyodyasi yemvula yona umntu ayikhumbula lakuhlom'izulu, ... (1)

5.8 Xela okuphuhliswa sisimamva sesixando esikrwelelwe umgca ngaphantsi.

Umntu ngamnye uzalwa enesazela esiye sikhula nokukhula kwakhe. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**